SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## IMIYALELO NEENKCUKACHA

1. Eli phepha lemibuzo lineCANDELO A neCANDELO B ngokusekelwe kwisikhokelo esimiselwe yiCAPS.

   **ICANDELO A: IMIBUZO ENGEMITHOMBO**

   UMBUZO 1: I-COLD WAR: IMVELAPHI YECOLD WAR

   UMBUZO 2: IAFRIKA EZIMELEYO: UPHANDO (CASE STUDY) – ANGOLA

   UMBUZO 3: UQHANKQALAZO LOLUNTU UKUSUSELA KOO 1950 UKUYA KOO 1970: THE CIVIL RIGHTS MOVEMENT

   **ICANDELO B: IZINCOKO**

   UMBUZO 4: UKWANDISWA KWECOLD WAR: UPHANDO – VIETNAM

   UMBUZO 5: IAFRIKA EZIMELEYO: IMINGENI EYAJONGANA NAYO IKHONGO EMVA KOKUZIMELA

   UMBUZO 6: UQHANKQALAZO LOLUNTU UKUSUSELA KWIMINYAKA YOWEE1950 UKUYA KWEYOWEE1970: I BLACK POWER MOVEMENT

2. ICANDELO A linemibuzo EMITHATHU engemithombo (isosi). Imathiriyeli edingekayo ukuphendula le mibuzo ingafumaneka kwiSIHLOMELO.

3. ICANDELO B linemibuzo EMITHATHU ye zincoko.

4. Phendula imibuzo EMITHATHU ngolu hlobo:

   4.1 Ubuncinane phendula ube MNYE kwizicatshulwa kunye noMNYE kwizincoko.

   4.2 Umbuzo WESITHATHU usenokuba kwizicatshulwa okanye isincoko.

5. Kucetyiswa ukuba uchithe iyure ibe NYE ubuncinane kumbuzo ngamnye.

6. Xa uphendula imibuzo sebenzisa ulwazi, izakhono noluvo.

7. Uya kubekwa ebandezini (disadvantage) ngokukhuphela iisosi njengeempendulo zakho.

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokohlobo ekunonjolwe ngalo kweli phepha lemibuzo.

9. Bhala cocekileyo nacacileyo.



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: IMIBUZO ENGEMITHOMBO (IISOSI)

Phendula ubuncinane umbuzo ube MNYE, kodwa ungadluli kwemiBini, kweli candelo. Imathiriyeli edingekayo ukuphendula le mibuzo ingafumaneka kwiSIHLOMELO.

### UMBUZO 1: INGABA IBERLIN WALL YALUQINISA NJANI UXINZELELO LWE COLD WAR PHAKATHI KWEMELIKA NERASHIYA?

Phicotha imithombo 1A, 1B, 1C no 1D uze uphendule imibuzo elandelayo.

1.1 Jonga kumthombo 1A.

1.1.1 Chonga kumthombo izinyanzeliso zibeMBINI zikaKhrushchev kwiUnited States namahlakani ayo. (2 x 1) (2)

1.1.2 Ngokutsho komthombo, ingaba uEisenhower waziphendula izigunyaziso zeRashiya? (1 x 2) (2)

1.1.3 Yintoni echazwa koku, 'izivumelwano zasemva kwemfazwe ezimalunga nokuthatyathwa nokulawulwa kweJamani neNtshona Berlin'? (1 x 2) (2)

1.1.4 Ngokwalo mthombo nolwazi lwakho, kwakutheni ukuze iUSA neBritain zichase iBerlin ekhululekileyo engenasiqisekiso sokufikelelwa yiNtshona? (1 x 2) (2)

1.1.5 Chaza ukuba kwakutheni ukuwela kweembacu ukusuka eMpuma Berlin ukuya eNtshona Berlin kwakuya kuthetha intlekele eMpuma xa kwakungaqwalwaselwanga (1 x 2) (2)

1.2 Funda uMthombo 1B.

1.2.1 Ngokwalo mthombo, ngubani owayalela ukufakelwa kocingo oluhlabayo olwahlula iMpuma neNtshona Berlin? (1 x 1) (1)

1.2.2 Chaza ikhonsepthi *Cold War* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

1.2.3 Ngokwalo mthombo, bekuya kuba yintoni ukubaluleka kweBerlin Wall? (3 x 1) (3)

1.2.4 Xela amazwe amaBINI awaba nengxabano kungekudala udonga lwakhiwe. (2 x 1) (2)

1.2.5 Kutheni ucinga ukuba le ngxabano yakhokelela kwelinye lamaxesha enkxalabo yeCold War eYurophu? (1 x 2) (2)



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.3 Jonga kuMthombo 1C.

1.3.1 Ngokwalo mthombo, kwakutheni ukuze kubekho isiphakamiso seengxoxo zamazwe amane phakathi kwabaphathi bomkhosi eBerlin? (1 x 2) (2)

1.3.2 Phawula ngengxelo, 'iSoviet Union yenza izoyikiso ezifihlakeleyo malunga' nokungahlali "ingumbukeli ongenanxaxheba". (1 x 2) (2)

1.3.3 Chaza igama elithi four-power talks kumxholo weBerlin crisis (1 x 2) (2)

1.3.4 Phawula ngoncedo lwalo mthombo kwingcali zezembali eziphanda ngeBerlin Crisis. (2 x 2) (4)

1.4 Funda uMthombo 1D.

1.4.1 Cacisa ukuba kwakutheni abantu baseMpuma Berlin babezibeka esichengeni sokufa bezama ukuwela iBerlin Wall ukuya eNtshona Berlin. (2 x 2) (4)

1.4.2 Phawula ngenkangeleko yesimo samapolisa aseNtshona Berlin kulo mfanyana. 2 x 2) (4)

1.5 Uthelekisa imithombo 1B no 1C. Chaza ubungqina obukuMthombo 1B buzixhasa njani iinkcukacha ezikuMthombo 1C nge Berlin Wall. (2 x 2) (4)

1.6 Usebenzisa iinkcukacha ezikwimithombo efanelekileyo kunye nolwazi lwakho, bhala umhlathi onemigca esibhozo (ngamagama angama80) ucacisa indlela uxinzelelo lweBerlin Wall olwayiqinisa ngayo iCold War phakathi kweMelika neRashiya. (8)

**[50]**



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 2: IDABI LASECUITO CUANAVALE LABA NEMPEMBELELO ENJANI KUMAZANTSI EAFRIKA?

2.1 Funda umthombo 2A.

2.1.1 Ngokomthombo ngawaphi amaqela amaBINI aseAngola, alwayo eCuito Cuanavale? (2 x 1) (2)

2.1.2 Caphula isizathu kumthombo esikhokelele ekuqaleni kweDabi laseQuito Quanavale. (1 x 2) (2)

2.1.3 Ngokwalo mthombo kwakutheni iSADF ize ixhase iUNITA kaJonas Savimbi ngexesha lale mfazwe? (2 x 1) (2)

2.1.4 Phawula ngengxelo, "*Imida yedabi yasikwa ngokweengcamango abakholelwa kuzo*." (1 x 2) (2)

2.2 Funda uMthombo 2B.

2.2.1 Ngokwalo mthombo, yintoni eyakhokelela ekubeni uMzantsi Afrika uyishiye iCuito Cuanavale? (2 x 1) (2)

2.2.2 Chaza ikhonsepthi *negotiations* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

2.2.3 Phawula ukuba kwakutheni uMzantsi Afrika uze uthandabuze ukuthethathethana ngomcimbi ongokuzimela kweNamibia nokutshintshiselana ngokurhoxiswa kweCuba eAngola. (2 x 2) (4)

2.2.4 Chaza ukubaluleka kokubandakanyeka kweUnited Nations Organisation ekutyikityweni kwezivumelwano. (1 x 2) (2)

2.3 Jonga uMthombo 2C.

2.3.1 Ngokwalo mthombo, yintoni eyayikhuthaza iCuba kwiMfazwe yaseCuito Cuanavale? (1 x 2) (2)

2.3.2 Caphula kumthombo isibhambathiso seDepartment yeMilitary Veterans malunga namaxhoba e Cuito Cuanavale. (1 x 2) (2)

2.3.3 Phawula ngoko kuthethwa nguNelson Mandela kule ngxelo, "abantu baseCuba babambe indawo ekhethekileyo ezintliziyweni zabantu baseAfrika". (2 x 2) (4)

2.3.4 Chaza ikhonsepthi *liberation* kumxholo wobume beNamibia emva kweDabi laseCuito Cuanavale. (1 x 2) (2)

2.3.5 Chaza ukuba usilela phi lo mthombo kwiingcali zembali eziphanda ngegalelo leDabi laseCuito Cuanavale. (2 x 2) (4)



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



2.4 Funda uMthombo 2D.

2.4.1 Chaza imiyalezo egqithiswa kulo mfanekiso. (1 x 2) (2)

2.4.2 Phawula ngokubaluleka kwendima edlalwe yiCuba kwiDabi laseCuito Cuanavale malunga neAfrika esemazantsi. (2 x 2) (4)

2.4 Jonga kwiMithombo 2D no2C. Cacisa ukuba ubungqina obukuMthombo 2C buzixhasa njani iinkcukacha ezikuMthombo 2D malunga nefuthe leDabi laseCuito Cuanavale. (2 x 2) (4)

2.6 Usebenzisa iinkcukacha ezikwithombo efanelekileyo kunye nolwazi lwakho, bhala umhlathi onemigca esibhozo (ngamagama angama80) ucacisa ngempembelelo yeDabi laseCuito Cuanavale kuMazantsi eAfrika. (8)

**[50]**



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 3: IMATSHI EYA EWASHINGTON YABA NAGALELO LINI EKUPHELISENI UCALUCALULO NEYANTLUKWANO EAMERICA KWII1960?

Phicotha imithombo 3A, 3B, 3C no3D uze uphendule imibuzo elandelayo.

3.1 Jonga kuMthombo 3A.

3.1.1 Dwelisa iimeko zibeNtathu eMelika ezakhokela kwiMatshi eWashington. (3 x 1) (3)

3.1.2 Khankanya imibutho emiTHATHU yamaLungelo oLuntu eyayikhankasela iMatshi eWashington. (3 x 1) (3)

3.1.3 Chaza igama elithi Civil Rights ngokomxholo waseAmerica. (1 x 2) (2)

3.1.4 Phawula ngokuthethwa e kule ntetho, “Vumela izihlwele ezimnyama ezisebenzayo zithethe.” (2 x 2) (4)

3.2 Funda uMthombo 3B.

3.2.1 Ngokwalo mthombo yayiyintoni injongo yeMatshi eWashington? (2 x 1) (2)

3.2.2 Chaza igama *discrimination* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

3.2.3 Yintoni echazwa yimbali ntetho kaKing, ‘I have a dream speech’? (1 x 2) (2)

3.2.4 Phawula ngokubaluleka kweLincolin Memorial kwimizabalazo yabantu abamnyama baseMelika. (1 x 2) (2)

3.3 Funda uMthombo 3C.

3.3.1 Caphula ubungqina obuvela kumthombo obonisa ukuba iMatshi eWashington yanceda ekupasisweni kweCivil Rights Act ka1964. (1 x 2) (2)

3.3.2 Ngokwalo mthombo, uthini umbuzo eyayinawo iMerika ukususela ngowe1955 okanye nangowe1954? (1 x 2) (2)

3.3.3 Chaza indlela intetho kaMartin Luther King eyawuphendula ngayo lo mbuzo. (1 x 2) (2)

3.3.4 Chaza isigqibo senkundla ephakamileyo kwityala *likaBrown vs Board (of Education)* ngo1954. (2 x 2) (4)



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



3.4 Jonga kuMthombo 3D.

3.4.1 Chaza imiyalezo edluliswa ngulo mfanekiso. (2 x 2) (4)

3.4.2 Phawula ngokuthembeka kwalo mthombo kwingcali zezembali eziphanda ngeMatshi eWashington. (2 x 2) (4)

3.5 Jonga kwimithombo 3B no3D. Cacisa ukuba ubungqina obukumthombo 3B buzixhasa njani inkcukacha ezikumthombo 3D ngokubhekiselele kwiMatshi eWashington. (2 x 2) (4)

3.6 Usebenzisa iinkcukacha ezikwimithombo efanelekileyo kunye nolwazi lwakho, bhala umhlathi onemigca ESIBHOZO (ngamagama angama80) ucacisa ukuba iMatshi eya eWashington yaba nagalelo lini ekupheliseni ucalucalulo neyantlukwano eAmerica kwiminyaka yoo1960. (8)

**[50]**



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO B: IMIBUZO EMIDE

Phendula ubuncinane umbuzo ube MNYE, kodwa ungadluli kwimibuzo emiBINI, kweli candelo.

Impendulo yakho mayibe ngamaphepha amaTHATHU ubude.

### UMBUZO 4: UKWANDISWA KWEMFAZWE ICOLD WAR: UPHANDO – VIETNAM

Chaza ukuba yaba nempumelelo kangakanani iMelika ekuthinteleni ukusasazeka kobukomanisi kwiMfazwe yaseVietnam ka1955 ukuya ku 1975. **[50]**

### UMBUZO 5: IAFRIKA EZIMELEYO – IMINGENI EYAJONGANA NAYO IKHONGO EMVA KOKUZIMELA

Imigaqo-nkqubo yezopolitiko neyezoqoqosho eqaliswe nguMobuto Sese Seko kwiCongo esanda kuzimela yazisa ukukhula nempumelelo.

Xoxa nzulu ngale ngxelo ingentla. Sebenzisa ubungqina obufanelekileyo ukuxhasa impendulo yakho. **[50]**

### UMBUZO 6: UQHANKQALAZO LOLUNTU UKUSUSELA KWIMINYAKA YOWEE1950 UKUYA KWEYOWEE1970: THE BLACK POWER MOVEMENT

I-Black Power Movement yaphumelela ekufakeni ukuzingca ngobumnyama, ukuzithemba, kunye nokhuselo lwamalungelo amaAfrika aseAmerika kwi1960s.

Uyavumelana nale ngxelo? Xhasa ingxoxo yakho ngobungqina obufanelekileyo. **[50]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 150**



SA EXAM PAPERS